

ISISHWANKATHELO SESIGQEBA SOLAWULO

Imvelaphi nenjongo

UMthetho *iNational Land Transport Act* (NLTA) ugunyazisa uMphathiswa wePhondo (MEC) leZothutho ukuba alungise isikhokelonkqubo seminyaka emihlanu somhlaba nezothutho lwezeNdlela zePhondo leNtshona Koloni (WCPLTF) esihlaziywa rhoqo kwiminyaka emibini. Ngokungqinelana neNLTA, le PLTF yeNtshona Koloni echaphazela ixesha 2024/25 - 2028/29 inika isikhokelo esibanzi sokucwangciswa kwezothutho kwiphondo leNtshona Koloni.

Esi sikhokelonkqubo sinika ulwazi kwaye sikhokela konke ukuthathwa nokuphunyezwa kwezigqibo zomhlaba nothutho lwezeNdlela zePhondo leNtshona Koloni noomasipala bephondo, kubandakanya nolwazi lwendlela kunye noo-loliwe, izithuthi zikawonkewonke, izithuthi ezingenazinjini kunye nothutho lwempahla. Iyahambelana nomgaqo-nkqubo wezothutho kazwelonke, ngokukodwa, *iNational Land Transport Strategic Framework* (NLTSF), kwaye isebenza ngaphakathi kwesakhelo sophuhliso oluhlangeneyo olwamkela ubudlelwane phakathi kwezothutho, ukusetyenziswa komhlaba, uqoqosho kunye nokusingqongileyo kwendalo.

Umbono, ekujoliswe kuko kunye neenjongo

Umbono, ekujoliswe kuwo kunye neenjongo zeWCPLTF zigunyaziswa ngumgaqonkqubo kazwelonke, owephondo, imigaqo-nkqubo ezinzileyo yezothutho kunye nemiceli mngeni kunye namathuba ezothutho eNtshona Koloni.

INtshona Koloni inenkqubo yezothutho ekhuselekileyo, ethembakeleyo nezinzileyo exhasa uqoqosho oluphilileyo noluhlumayo, olubonelela ngofikelelo olulinganayo nolubandakanyayo kwithuba nakwimpilo evumelayo, isidima nempilontle.

#ConnectingCommunities

IINJONGO

Ukuzuza uhlobo lwesabelo lwe 80% kuthutho lukawonkewonke, ukuhamba kunye nokukhwela iibhayisikile ngo2050

Ukuzuza uhlobo lwesabelo lomzila kaloliwe wama 50% ngo2050

Ukuzuza iMbono kaZero ngo2040

Ukuzuza inet zero kwezothutho nezomhlaba ngo2050

WCPLTF 1 Ukubhekisela ngakwinkqubo yothutho enongcoliseko oluphantsi evumela uhlumo nobandakanyo

WCPLTF 2 Ukubeka phambili nokuphucula uthutho lukawonkewonke, ukuhamba nokukhwela iibhayisikile

WCPLTF 3 Ukwandisa ukusebenza kothutho lwempahla

WCPLTF 4 Ukukhawulezisa inkqubela ngakuMbono kaZero

WCPLTF 5 Ukunciphisa ubumdaka bezothutho lwe-GHG nokuxhobisa ukuzinza koguquguquko lwemozulo

WCPLTF 6 Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso lwezothutho zilungele ukusebenza kwaye zilondolozwa kakuhle

OKUJOLISWE

Imeko eqhubekayo, iindlela ezikhoyo kunye nemingeni

Uqoqosho lwezentlalo	<ul style="list-style-type: none"> • INtshona Koloni inabemmi abazizigidi ezi-7.4, i-64% yabo ihlala eKapa. • Inani labemi likhula ngokukhawuleza, nto leyo eyandisa imfuno yezothutho. • Amanqanaba obuhlwempu, ukungaqeshwa nokungalingani ahlala ephezulu kakhulu kwaye imigangatho yokuphila iyancipha njengoko ukukhula kwabemi kugqitha ukukhula koqoqosho. • Imfuno yeendlela zothutho ezifikelekayo ukufikelela kumathuba ihlala iphezulu.
Indawo yokuhlala	<ul style="list-style-type: none"> • Ukungalingani ngokwendawo okuphawulekayo ngenxa yelifa localu-calulo olongezelelekileyo ngenxa yendlela zophuhliso ezingazinzanga kwixesha lenkululeko yentando yesininzi. • Imingeni engundoqo iquka imigama emide phakathi kwamaziko abemi namaziko ezoqoqosho, uphuhliso lwezindlu zentlalo kwimimandla yasezidolophini kunye nokwanda kwee-dolophu ezisekelwe kwiimoto. • Iimpawu zendawo (umgama omde, uxinano oluncinci lwabantu, ukusetyenziswa ngandlelanye komhlaba) kwenza ukuba ukuhanjiswa kwezithuthi zikawonkewonke kube ngumngeni.
Izithuthi zobuqu	<ul style="list-style-type: none"> • Inkqubo yezothutho engenabulungisa - uninzi lwamakhaya alunazo iimoto kwaye luxhomekeke kuthutho olumgangatho uphantsi. • Ukusilela kwee-nkonzo zoo-loliwe kunye nokutshintshela kwiindlela zothutho ezinomthamo omncinci (iimoto, iiteksi ezincinci) kunegalelo ekwandeni kokuxinana kunye nokukhutshwa kweegesi zegreenhouse. • Nangona iinkonzo zeIPTN ziphunyezwe ngempumelelo eKapa naseGeorge, isantya sophuculo kwezothutho loluntu sihamba kancinci kakhulu. • Iinkonzo zeMetrorail ziyabuya ngokucothayo • Iimeko ezingathandekiyo zabahambi ngeenyawo nabakhweli beebhayisikile, izinga eliphezulu kakhulu lokufa kwabahambi ngeenyawo.
Ezothutho lwe-mpahla	<ul style="list-style-type: none"> • I-60% yazo zonke iimpahla kunye ne-99% yeempahla eziqhelekileyo zithuthwa ngendlela. • Ukuhla kwezinga lokusebenza kwamazibuko eTransnet kunye nothutho lwempahla ngoo-loliwe ngumba ophambili kwezoqoqosho. • Uhlaziyo lwezakhiwo oluqhutywa kwinqanaba likazwelonke luyaqhuba.
Iziseko zophuhliso zee-ndlela	<ul style="list-style-type: none"> • Uthungelwano lweendlela lukwimeko entle, kodwa kukho usilelo olukhulu lolondolozo ekufuneka lusonjululwe. • Ukulayishwa kwezithuthi zempahla ngokugqithisileyo kungunobangela oyintloko womonakalo wendlela.
Ukhusele nokhuseleko	<ul style="list-style-type: none"> • Inani leengozi zendlela, abantu abafayo nabonzakeleyo lihlala liphezulu ngendlela engamkelekanga. • Ulwaphulomthetho ngo-tshatyalaliso lwee-nkonzo, ubusela kunye nokutshatyalaliswa kweempahla zothutho kuhlala kuyingxaki.
Inguqu efanelekileyo ne-net zero	<ul style="list-style-type: none"> • Ukukhutshwa kweGHG kwizithuthi kuyanda. • Iinkonzo zeebhasi ze-Golden Arrow ziphambili ekuguquleni ezohambo. • Iimpembelelo zotshintsho lwemozulu kwiziseko zophuhliso lwezothutho kunye neenkonzo ziyanda.

**Amaziko
nenkxasomali**

- Ukomelela kwamaziko kuhlala kungumngeni kuwo onke amanqanaba karhulumente.
- Imingcipheko yezemali yangoku idala umceli mngeni omkhulu, kwaye imali eyongezelelweyo iya kufuneka ukuhambisa iinqubo zothutho ezingcono.



Ungenelelo kunye neprojekthi ezicetyiweyo

I-WCPLTF ijolise kwicandelo liphela kwaye uluhlu olubanzi lwabathathinxaxheba banoxanduva lokufezekisa iinjongo kunye nokuphumeza amanyathelo kunye nezenzo zesakhelo. Kuwo onke amaqhinga alithoba, eyona mimandla iphambili yile:

IsiCwangciso soThutho sikaWonkewonke

- Ukubuyiselwa kweenkonzo zeMetrorail, kubandakanywa inguqu ebalulekileyo yeCentral Line
- Uhlaziyo lweeteksi ezincinci kunye nokuphunyezwa kweShayela Smart
- Ukuhanjiswa koThungelwano lwezoThutho loLuntu eziHlanganisiweyo eKapa naseGeorge
- Ukuphuphuculwa, ukwandiswa nee-ndlela eziphambili zokuhamba zikawonke-wonke
- Ukuphuhlisa kwesisombululo sezothutho emaphandleni

IsiCwangcisoqhinga sezithuthi ezingenazinjini

- Ukuqhubeka nokwakhiwa kweendlela ezikumgangatho ophezulu zokuhamba ngeenyawo nezokuhamba ngeebhayisikile
- Ukuphunyezwa kwesiCwangcisoqhinga soKhuseleko seNMT

IsiCwangciso soThutho esiZinzileyo ngokusiNgqongileyo

- Ukuguqukela ngokukhawuleza kwi-e-mobility kwizithuthi zikawonke-wonke
- Ukwandiswa kwenethiwekhi zokutshaja zikawonke-wonke

IsiCwangcisoqhinga seZiseko zoThutho

- Unakekelo lomgangatho nothungelwano lwendlela
- Utyalomali kwizibonelelo ezingcono zezithuthi zikawonke-wonke

IsiCwangcisoqhinga sezooLoliwe

- Ukuphuculwa kokusebenza kwezoo-loliwe bempahla kunye namazibuko

IsiCwangcisoqhinga soLawulo lwezoThutho lwePhondo

- Ukomeleza iinkqubo zolawulo lweemfuno zohambo
- Ukuxhaphaza amandla obuchwephesha obutsha okuhambisa izithuthi ezizinzileyo

IsiCwangcisoqhinga soKhuselo nesoKhuseleko

- Ukukhusela izixhobo zikaloliwe kubusela, ukonakaliswa nokutshatyalaliswa
- Ukuqaliswa kweCandelo lokuDibanisa izithuthi zikaRhulumente
- Indlela entsha yokuthetha ngokhuseleko ezindleleni

liNkqubo zoThutho loKhenketho

- Ukuphuculwa kwesikhululo seenqwelomoya iCape Town International Airport ukulungiselela ukukhula kokhenketho

Uhlahlo lwabiwomali olwabelwe amaphulo ezothutho kwiWCPLTF ngamaR22.8 yezigidigidi kwiSikhokelonkqubo seNkcitho saPhakathi eNyakeni sowama2024 (MTEF). Ulwazi oluneenkukacha ngeenkqubo zokuphumeza kunye neziphumo zohlahlo lwabiwomali zinikezelwa kwiSahluko 15.

Ukubeka esweni

Iimpawu eziPhambili zeNtsebenzo (KPI) ziyimfuneko ukubeka esweni, nokulinganisa imeko yezomhlaba nothutho lwezeNdlela eNtshona Koloni, nenkqubela phambili ekufezekiseni iinjongo ezibekwe kule nkqubo. Ii-KPI eziqulunqelwe le WCPLTF zaxhaswa ziinjongo nezicwangciso zale nkqubo.